

Iziphumo zoVavanyo lwaMachiza – Ushwankathelo loMntu ongekabi yiNgcaphephe

Oluphononongo lokuthelekisa umahluko wemithamo yeMSTT1041A kunye “nento efana nechiza kodwa elingelilo esetyenziswa ekukholiseni nje” – kwisigulane esinesigulo sombefu

Jonga ekupheleni koshwankathelo isihloko esipheleleyo soluphononongo.

Malunga nolushwankathelo

Olu lushwankathelo lweziphumo zovavanyo lwamachiza olubizwa ngokuba “luphononongo” kolu xwebhu. Olu shwankathelo lubhalelwe oku kulandelayo:

- uluntu lonke
- **abathathi nxaxheba** – ezo ke zizigulane ezinesigulo sombefu eziyakubandakanyeka koluphononongo

Olu shwankathelo lusukela kulwazi olwaziwayo ngexesha lokubhala.

Oluphononongo lwaqaqalwa ngenyanga yoMsintsi 2016 lwaze lwaphela ngenyanga yeKhala 2019. Olu shwankathelo lwabhalwa emva kokuphela koluphononongo.

Alukho uphononongo olulodwa olunokusixelela konke malunga nobungozi kunye nokunceda kwelichiza. Abantu abaninzi bathatha inxaxheba ngokuzithandela kumaphononongo amaninzi okusancedisa ukufumana konke esifuna ukwazi. Iziphumo zoluphononongo zingaba nomehluko kumanye amaphononongo malunga nelichiza linye.

- Ukutsho oko awunokwazi ukwenza izigqibo ngokolu shwankathelo.
- Theta nogqirha wakho ngalo lonke ixesha phambi kokuba uthathe nasiphi na isigqibo ngonyango lwakho.

Imixholo

Yolushwankathelo

1. Ulwazi oluthe gabalala malunga noluphononongo
2. Ngubani owathatha inxaxheba koluphononongo?
3. Kwenzeke ntoni ngexesha loluphononongo?
4. Zaba yintoni iziphumo zoluphononongo?
5. Zaba yintoni iziphumo ezizezinye ngaphandle kwezo bezijongiwe?
6. Oluphononongo ziluncede njani oluphando?
7. Ingaba zikhona ezinye izicwangciso zolunye uphononongo?
8. Ndingalufumana phi ulwazi oluninzi?

Siyabulela kubantu abathe bathatha inxaxheba koluphononongo

Izigulane ezithe zathatha inxaxheba ziye zanceda abaphandi ukuphendula imibuzo ebalulekileyo malunga nesigulo sombefu kunye neminye imithamo eyahlukileyo ngoluphononongo lwechiza.

Ulwazi olubalulekileyo malunga noluphononongo

- Koluphononongo, abathathi nxaxheba banikwe imithamo eyahlukileyo yonyango.
- Olunyango yayilichiza (MSTT1041A) okanye ayilochiza. (nento efana nechiza kodwa elingelilo esetyenziswa ekukholiseni nje).
- Oluphononongo lwenzelwa ukufumanisa okokuba ingaba iMSTT1041A ingasebenza na kwizigulane ezinesigulo sombefu.
- Abaphandi bafune ukubona okokuba ziyakuba yintoni iziphumo okokuba olunyango lunganikwa kunye neMSTT1041A ngokuthelekisa kunye nonyano lwento efana nelichiza kodwa ingelilo elinokusetyenziswa ekukholiseni nje.
- Oluphononongo luqulathe izigulane ezingama 502 kumazwe ali15.
- Oluphononongo lufumanise okokuba iMSTT1041A iyasebenza kwizigulane ezinesigulo sombefu ngokomthamo ophezulu othe wavavanywa ngokuthelekiswa nento efana neyeza kodwa ingelilo koko lisetyenziswa ekukholiseni nje.
- Iziphumo ezizezinye zibufana kumaqela athe afumana oluphononongo lwelichiza okanye into efana nelichiza kodwa elingelilo elisetyenziswa ekukholiseni nje.
- Ezi ziphumo zabhalwa emva kokuba oluphononongo lugqityiwe.

1. Ulwazi oluthe gabalala malunga noluphononongo

Lwalwenzelwe ntoni oluphononongo?

Isigulo sombefu sisifo samajelo okuphefumla ukuya emiphungeni. Izigulane ezinesigulo sombefu ziyakhohlela, kutswina isifuba, kwakhona zibenengxaki yokuphefumla.

Malunga nama 300 ezigidi zabantu elizweni banengxaki yesigulo sombefu. Iindidi ezahlukeneyo zamachiza ziyasetyenziswa ukulawula isigulo sombefu.

Izigulane ezininzi ziye zithi xa zihlaselwe sisigulo sombefu ngamandla, amachiza eziwasebenzisa rhoqo aye angasebenzi. Ezi ziye zibizwe ngokuba “**zizigulo zombefu ezimandundu**”, ziye ziviwe zizigulane esele ziphethwe sesisifo ixesha elide.

Izigulo zombefu ezimandundu zingachukunyiswa ngumthambo, ngamanye amachiza, nokuphefumlo kwindawo ephazamisa imijelo yokuphefumlo. Ukugula yilentsholongwane kungaphembelela ekosulelekeni kwemijelo yokuphefumlo.

Izinto ezichukumisa esi sigulo sombefu esimandundu siye senze umzimba ukhuphe imolekyuli ebizwa ngokuba “**IL-33**”. IL-33 ihlanganisa ulwakhiwo kumagumbi emijelo yokuphefumla, ebizwa ngokuba **neST2 ezizamkeli**.

Xa imolekyuli zeIL-33 zihlangana nezamkeli eziziST2, ziye zenze zibonakale kwangoko iimpawu zesisifo sombefu esimandundu.

Koluphononongo, abaphandi bafune uvavanya ichiza elibizwa ngokuba **yiMSTT1041A**. Eli chiza likwaziwa ngokuba “**yiST2 elichiza elilwa nentsholongwane**”.

Abaphandi bafuna ukwazi okokuba ingaba ukhona umthamo weMSTT1041A okhuselekileyo kwaye osebenzayo ukunqanda isifo sombefu esimandundu kwizigulana.

Lwaluyintoni uphononongo ngamachiza?

I-MSTT1041A, ikwaziwa ngokuba **yiST2 ichiza elilwa nentsholongwane**, lichiza ebelikade linikwa abantu kwamanye amaphonongo ekwaye kwafumaniseka okokuba likhuselekile ukunikwa abantu. Apha yindlela elisebenza ngalo elichiza:

- **IL-33** yimolekyuli ekhutshwa ngumzimba malunga nezinto eziye ziphembelele esisifo sombefu esimandundu.
- IL-33 zihlangana **nezamkeli ezibizwa ngokuba yiST2** ezifumaneka kumagumbi emijelo yokuphefumla. Oku kungaphembelela ekubonakaleni kweempawu zesifo sombefu esimandundu.
- I-MSTT1041A lichiza elihlangana nezamkeli ezibizwa iST2 kumagumbi amajelo okuphefumla.
- Xa iMSTT1041A ikhona, ingathi iphazamisane nokuhlangana kweIL-33 kunye nezamkeli zeST2. Eli chiza lingazama ukunqanda ukonganyelwa sisifo sombefu esimandundu kwizigulana.

I-MSTT1041A yathelekiswa kwi “**ntento efana neyeza kodwa elingelilo esetyenziswa ekukholiseni nje**”.

- Koluphononongo, ezinye izigulane zifumana iMSTT1041A nangona ezinye zifumana into efana nelichiza kodwa ingelilo.
- Lento ifana nelichiza kodwa ingeyiyo iyafana nqwa neMSTT1041A kodwa alinalo uqobo lwelichiza.

Yintoni le ifuna ukufunyanwa ngabaphandi?

Abaphandi benze oluphononongo ukuthelekisa uphononongo lwelichiza libufana nalo.

Owona mbuzo abaphandi abafuna ukuwuphendula nanku:

1. Ngowuphi umthamo weMSTT1041A osebenzayo ukwehlisa uxinzelelo lokonganyelwa sisifo sombefu esimandundu?

Eminye imibuzo abaphandi abafuna ukuyiphendula yile:

2. Ngowuphi umthamo weMSTT1041A osebenzayo ukuphucula ezinye iimpawu zesifo sombefu kwizigulana?
3. Ithatha ixesha elingakanani iMSTT1041A ukusasazeka emzimbeni?
4. Ikhuseleke kangakanani iMSTT1041A kwizigulane ezinesifo sombefu?
5. Ingaba iMSTT1041A iyakwazi ukwenza amajoni omzimba enze isilwa buhlungu sisebenze ngokuchaseneyo nelichiza?

Loluphi oluhlobo loluphononongo?

Zininzi iindlela zokucacisa oluphononongo.

- **Icandelo 2b uphononongo**
Icandelo 2 loluphononongo luqhubela phambili ukufumanisa okokuba uphononongo lwechiza luyasebenza kwizigulana na. Olu luphononongo “IweCandelo 2b”, ukutsho oko oluphononongo beluvavanya imithamo eyahlukileyo yophononongo lwelichiza abaphandi abacinge okokuba lubalulekile.
- **Lento ifana nelichiza kodwa ingeyiyo ilawula oluphononongo**
Abanye abantu bafumene iMSTT1041A njengoko abanye befumene ichiza elibufana nayo. Oku kwenziwa ukwenzela okokuba zonke izigulane zifumane unyango, kwaye noqobo lweziphumo zelichiza lungangqamaniswa nelichiza lifana nalo.

- **Uphononongo esingakhethiyo**
Ikhompyutha yiyo ethi ikhetho okokuba sesiphi isigulane esizakufakwa kumaqela elichiza kwakunye nesigulane esizakufakwa kwiqela lechiza elifana nalo. Abaphandi kunye nezigulane abanawulo kulento.
- **Uphononongo apho ulwazi lufihlwayo kude kugqitywe ilinge elo**
Abaphandi kunye nezigulane abayazi okokuba sesiphi isigulane esifumana oluphononongo lwechiza kwaye sesiphi isigulane esifumana elichiza lifana nalo. Oku kwenza oluphononongo lunolwazi olufihlakeleyo kude kugqitywe ilinge elo.

Kwakunini kwaye kuphi apho oluphononongo lwaluqhubeka khona?

O oluphononongo lwaqalwa ngenyanga yoMsintsi 2016 lwaze lwaphela ngenyanga yeKhala 2019. O oluphononongo lwaluqhubeka kwezindawo zilandelayo:

- Argentina
- Belgium
- Bulgaria
- Canada
- Czech Republic
- Germany
- New Zealand
- Peru
- Poland
- Romania
- Russia
- South Africa
- South Korea
- Ukraine
- United States

Olu shwankathelo lwabhalwa emva kokuphela koluphononongo.

2. Ngubani owathatha inxaxheba koluphononongo?

Zingama 502 izigulane zesifo sombefu ezafumana unyango. Izigulane zazisuka eCentral and Eastern Europe (56%), Latin America (12%), North America (24%), naseWestern Europe nakwilizwe liphela (8%).

Izigulane ezininzi yayingabantu basetyhini (66%). Izigulana ezininzi yayingabantu abamhlophe (84%). Eyona minyaka yayixhaphakile (umbindi) yezigulane yayikuma53 ubudala. Esona isigulane sincinane sasineminyaka eli18 ubudala. Esona sigulane sidala sasineminyaka engama75 ubudala.

Aye 4 amaqela onyango:

<p>Into efana nechiza kodwa elingelilo esetyenziswa ekukholiseni nje Okupheleleyo = 127 izigulane 84% abamhlophe 65% abasetyhini kunye nama 35% amadoda Umlinganiselo weminyaka = 51 ubudala</p>	<p>MSTT1041A – 70 mg Okupheleleyo = 127 izigulane 83% abamhlophe 64% abasetyhini kunye nama 36% amadoda Umlinganiselo weminyaka = 52 ubudala</p>
<p>MSTT1041A – 210 mg Okupheleleyo = 127 izigulane 86% abamhlophe 71% abasetyhini kunye nama 29% amadoda Umlinganiselo weminyaka = 53 ubudala</p>	<p>MSTT1041A – 490 mg Okupheleleyo = 127 izigulane 84% abamhlophe 65% abasetyhini kunye nama 35% amadoda Umlinganiselo weminyaka = 51 ubudala</p>

Yintoni eyayifuneka ukuze izigulane zizokwazi ukuthatha inxaxheba koluphononongo

1. Nikeza imvume ebhaliweyo kwabathe bathatha inxaxheba ngokuzithandela kwesi sifundo.
2. Makube phakathi kweminyaka eli18 ukuya kuma 75 ubudala.
3. Yiba nesalathiso sobunzima bomzimba obuli 18 ukuya kuma 38 kg/m² kunye nobunzima obulinganiswa ngesikali obungama 40kg.
4. Vuma ukusebenzisa ucwangciso losapho ukukhusela ukukhulelwa ngelixa uthatha inxaxheba kwesi sifundo.
5. Yiba noxwebhu lukagqirha oluchaza okokuba unesifo sombefu.
6. Yiba nesiqinisekiso sokuba unesifo sombefu esingalawulekiyo.
7. Sebenzisa ichiza lesifo sombefu (umthamo ophezulu womfutho wechiza lokuncedisa ukuphefumla kunye nelinye ichiza).
8. Thatha uvavanyo lokuphefumla ngokujonga amandla okuphefumla kwesigulana ngokuthi kulingane nomlinganiselo ofunekayo ukuthatha inxaxheba koluphononongo.

Zeziphi iimeko ezenza izigulane zingaphumeleli ukuthatha inxaxheba koluphononongo

1. Oomama ababencancisa okanye ababenenjongo zokukhulelwa.
2. Abanempawu ezifana nesifo sombefu, kodwa ezingagqibelelanga ukuba ibe sesisifo.
3. Abanembali yokutshaya.
4. Imbali okanye isiqinisekiso sokusebenzisa iziyobisi zingaluphazamisa oluphononongo.
5. Izigulo zombefu ezimandundu kangangeveki ezi 4 phambi kovavanyo
6. Umgaqo wesibhedlele ngokwesigulo sombefu kangangenyanga ezili 12 phambi kovavanyo (umatshini oncedisana nokuphefumla).
7. Ubukho bezinye izigulo ekudala zikhona ziyaluphazamisa oluphononongo.
8. Ukwaziwa kwezinto ezithile ezalana nempilo ezisetyenziswa koluphononongo.

3. Kwenzeka ntoni ngexesha loluphononongo?

Olu “**nyango**” ingaba loluphononongo lwelichiza okanye lwechiza elingelilo elifana nalo. Izigulane azazi okokuba zifumana ntoni.

- Ekuqaleni koluphononongo (Iveki 0), wonke umntu ufumana unyango lwechiza elingelilo elifana nalo.
- Kwiveki yesi2, izigulana funeka zifikelele kwiqondo elithile ukuze zikwazi ukuqhubeka noluphononongo.
- Kwiveki yesi2, isigulana ngasinye (esithe safikelela kulamaqondo sivumelekile ukuqhubeka noluphononongo) sizakwebelwa iqela lonyango (ichiza okanye ichiza elifana neli) ngokuthi sikhethwe yikhompyutha.

Unyango lwamaqela ngala:

1. Ichiza elingelilo elibufana kunye neli – kungabikho chiza
2. MSTT1041A – 70 mg
3. MSTT1041A – 210 mg
4. MSTT1041A – 490 mg

Luzakuqalwa njani kwaye nini olunyango?

Unyango ngalunye luqukethe iinaliti ezi 4 ezihlatywa esuswini (lenaliti ihlatywa kwiskhumba sesisu). Olunyango lwalunikezwa kanye kwiveki ezi 4, ukusuka kwiveki yesi 2 ukuya kwiveki yama 50.

Kwenzeka ntoni emva kokuba unyango luqalile?

Oluphononongo luthatha ukusuka kwiveki 0 ukuya kwiveki yama 54. Izigulane ziza ekliniki ukuzofumana unyango. Ngexesha lotyelelo, izigulane zinikezela ngeesampulu zegazi ze ziphinde zenze olunye uvavanyo loluphononongo. Izigulane ziphendula imibuzo ukuze abaphandi bafunde ngezinye iziphumo zolunyango. Izigulane zindwendwela ekliniki ukuyokuma kwiveki yama 70 ngokulandelelanayo.

4. Zaba yintoni iziphumo zoluphononongo?

Izigulana zesigulo sombefu ezingamakhulu amahlanu anesibini zafumana unyango olunye, izigulane ezingama 468 zagqiba iiveki ezingama 54 zoluphononongo.

Umbuzo 1: 1.Ngowuphi umthamo weMSTT1041A osebenzayo ukwehlisa uxinzelelo lokonganyelwa sisifo sombefu esimandundu?

Abaphandi bathelekisa ezi ziphumo zeqela leMSTT1041A kunye nezo zeqela lechiza elingelilo elibufana nalo. Izigulana ezikwiqela elisebenzisa umthamo ophezulu weMSTT1041A (490 mg) zibone umehluko wokuhla kwesigulo sombefu esimandundu ngomyinge ongange 43% ukuthelekiswa nelichiza elingelilo elibufana nalo.

Nangona amanye amaqela omthamo weMSTT1041A ebone umehluko ukusuka (22% ukuya ku 37%), bezingenantsingiselo.

Umbuzo 2: Ngowuphi umthamo weMSTT1041A osebenzayo ukuphucula ezinye iimpawu zesifo sombefu kwizigulana?

Izigulane ziphendule imibuzo emininzi emayelana neempawu zesifo sombefu kwakunye nendlela esi sifo esiphazamisa ngayo ebomini. Bachaze neziphumo ezizizo ezenziwa ngumthamo ophezulu weliqela (490 mg), nokuthelekisa neqela lelichiza libufana nalo kodwa lingelilo.

Eliqela lomthamo ophezulu labona okokuba noko lithatha lixesha elide phambi kokuba siqale esisifo sombefu simandundu (ixesha phambi kokuba liqale), ukuthelekisa nelichiza libufana nalo kodwa lingelilo.

Umbuzo 3: Ithatha ixesha elingakanani iMSTT1041A ukusasazeka emzimbeni?

Inaliti yeMSTT1041A ithatha iintsuku ezi 7 ukungena egazini. Unyango luthatha iiveki ezi 12 (kanye kwiveki ezi4) phambi kokuba izinga lechiza lifumaneke egazini oko akunakutshintsha nto. (ngokuqinisekileyo).

Umbuzo 4: Ikhuseleke kangakanani iMSTT1041A kwizigulane ezinesifo sombefu?

Abaphandi bathelekise eziziphumo ezizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe kwizigulane ezifumene oluphononongo lwechiza kunye nezo zifumene ichiza elingelilo kodwa elibufana nalo.

Inani leziziphumo ezizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe kwizigulane kwakunye nendlela ezinamandla ngalo – bezifana nezezigulana ezifumana iMSTT1041A kunye nezo zifumana ichiza elibufana nalo kodwa elingelilo. Ngoko ke iMSTT1041A yafumaneka iyeyona ikhuselekileyo yonke imithamo evavanywe koluphononongo.

Umbuzo 5: Ingaba iMSTT1041A yenza amajoni omzimba enze isilwabuhlungu esisegazini zikhabe elichiza?

Izilwabuhlungu ezisegazini zimolekyuli ezenza umzimba wamkele into engena ngaphakathi. Izilwabuhlungu ezisegazini ngamanye amaxesha ziye zikhabe ezinye iindidi zamachiza. Ezi zilwabuhlungu ezisegazini zaziwa ngokuba “zichasene neziyobisi ezilwa buhlungu egazini” okanye “ADA”.

Koluphononongo lonke kukho izigulana ezingange 2% ezafunyaniswa okokuba zinayo le ngxaki yokuchasa iziyobisi ezilwa buhlungu egazini ingakumbi kwiMSTT1041A, oko kwafunyaniswa phambi kokuba luqale unyango.

Emva konyango, izigulane ezi 7% zavavanywa zafunyaniswa okokuba zinayo le ngxaki yokuchasa iziyobisi ezilwa buhlungu egazini ingakumbi kwiMSTT1041A.

Ukuba nengxaki yokuchasa iziyobisi ezilwa buhlungu egazini kumachiza athile yenza okokuba kungene ichiza elincinane emzimbeni ngoba esi sichasi ziyobisi esilwa ubuhlungu siyalisusa ichiza. Koluphononongo abaphandi abafundi ngeziphumo zezichasi ziyobisi ezilwa ubuhlungu kolufundo lwechiza.

5. Zaba yintoni iziphumo ezizezinye ngaphandle kwezo bezijongiwe?

Iziphumo ezizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe zingxaki ezingafuni machiza (njengentloko ebuhlungu) ezenzeke ngexesha loluphononongo kwaye ezingqamene nonyango oluchaziweyo ngexesha lophononongo.

- Hayi zonke izigulane ezikoluphononongo zinazo zonke okanye ziboniwe eziziphumo ngaphandle kwezi bezijongiwe.
- Iziphumo ezixhaphakileyo kunye neziphumo ezixhalabisayo zidwelisiwe kwicandelo elilandelayo.

Ubuninzi beziphumo ezixhaphakileyo ezizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe

Ngexesha lonyango, kwakungabonakali ntsingiselo yomthamo welichiza koluphononongo kunye nenani leziphumo ngaphandle kwezi bezijongiwe.

Umyinge wezigulane kwiqela ngalinye elichaze iziphumo ezizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe nazi:

- 3% (4 kwizigulane ezi 127) kwiqela lechiza elingelilo
- 12% (15 kwizigulane ezi 127) kwiMSTT1041A – 70mg kwiqela
- 6% (7 kwizigulane ezi 126) kwiMSTT1041A – 210 mg kwiqela
- 8% (10 kwizigulane ezi 122) kwiMSTT1041A – 490 mg kwiqela

Ubuninzi beziphumo ezixhaphakileyo ezizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe zichazwe okokuba zikwicandelo lenaliti, apho izigulana bezikhala okokuba ibuhlungu, inobubomvu, okanye into efanayo. Icandelo lenaliti belihlala lichazwa oko zizigulane ezifumene isifundo sechiza ukudlula abo bafumene ichiza elibufana neli kodwa elingelilo.

Kwizigulane ezi 127 ezifumene ichiza elingelilo elibufana, izigulane ezi 4 kuzo zichaze iziphumo ezizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe ezili 9. Bezi 6 iziphumo ezizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe, zi 3 ezifanayo- njengoko isigulane esinye (1%) sichaze iziphumo ezizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe (icandelo lenaliti liye laphawula) kwintsuku ezi 3 ezahlukeneyo.

Kwizigulane ezingama 375 ezifumene elichiza, izigulane ezingama 32 (6%) zichaze umyinge ongange 178 iziphumo ezizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe. Bezili 18 iziphumo ezizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe zonke bezohlukile. Bezili 160 iziphumo ezizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe ebezifana – icandelo lenaliti lona lichaze izigulane ezingama 23 (5%).

Iziphumo ezizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe ezixhalabisayo

Ezi ziphumo zizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe zibonwa “njengezixhalabisayo” ezinobungozi, ezifuna inkathalo yasesibhedlele, okanye zenze ingxaki eyakuthatha ixesha elide.

Saba sinye isiphumo ngaphandle kwezi bezijongiwe esachazwayo kwisigulane esikwiqela lama 70 mg. Isigulane sivela umbala omfusa, nemithambo yegazi ethe nta esikhumbeni. Lemeko, ibizwa ngokuba “yilivedo reticularis” ingenziwa zingxaki zemithambo yegazi okanye ukungahambi kakuhle kwegazi esikhumbeni. Oku bekucingwa okokuba kuhlalane kunye noluphononongo lwechiza.

Isifo sombefu sichaziwe koluphononongo zizigulane ezinengxaki enkulu nexakileyo yoluhlobo lwesifo. Nakhona, isifo sombefu yayingesiso isiphumo esizezinye ngaphandle kwezi bezijongiwe ezenziwe ngumthamo woluphononongo lwechiza.

Zazizibini iziganeko zokufa koluphononongo. Isigulane esinye kwiqela le 210 mg safu emva kokuba sahlaselwa sisigulo sombefu esimandundu. Esinye isigulane kwiqela le 490 mg ukufa kwaso zange kuchazeke. Iziganeko ezibini zokufa koluphononongo zange ziqondwe okokuba zenziwe luphononongo lwelichiza.

6. Oluphononongo ziluncede njani oluphando?

Oluphononongo luphande imithamo emi 3 eyahlukeneyo kuphononongo lwechiza kwizigulane ezinesifo sombefu.

Abaphandi bafumanise okokuba ngumthamo ophezulu kuphela wechiza osebenzayo ukwehlisa inani lesigulo sombefu esimandundu kwizigulane eziphethwe sisigulo sombefu esixakileyo.

Oluphononongo luncede abaphandi ukuba bafunde okokuba elichiza likhuselekile ngokufanayo kunye nelichiza lingelilo kodwa lifanayo, oko bakubone kwimithamo ethe yavavanywa.

Abaphandi baphinde bafunda okokuba ngumyinge ongakanani wechiza osemzimbeni emva kokuthatha umthamo othile.

Ukongeza, bafunde okokuba amajoni omzimba ezinye izigulane achasene neziyobisi ezilwa buhlungu egazini oko kwenza ichiza lingasebenzi.

7. Ingaba zikhona ezinye izicwangciso zolunye uphononongo?

Olunye uphononongo alucwangcwiswanga ngelishesha lechiza lezigulane zesifo sombefu. Nangona, lukhona olunye uphononongo ekuvavanywa kulo elichiza kwezinye izifo.

8. Ndingalufumana phi ulwazi oluninzi?

Ungalufumana ulwazi oluninzi ngoluphononongo kulamacandelo alandelayo ngezantsi:

- World Health Organization clinical trials registry:
<http://apps.who.int/trialsearch/Trial2.aspx?TrialID=NCT02918019>
- USA clinical trials registry:
<https://clinicaltrials.gov/ct2/show/NCT02918019>
- EU clinical trials registry:
https://www.clinicaltrialregister.eu/ctr-search/search?query=eudract_number:2016-001549-13

Ndingaqhshelana nabani xa ndinemibuzo ngoluphononongo?

Okokuba uneminye imibuzo emva kokuba ufunde esi sishwankathelo:

- Ndwendwela iqonga lezigulana uze ugcwalise uxwebhu lokuqhangamshelana olulandelayo
<https://forpatients.roche.com/en/About.html>
okanye qhangamshelana negosa elikwiofisi engakuwe yakwaRoche.

Okokuba uthathe inxaxheba koluphononongo ngoku unemibuzo ngeziphumo:

- Thetha nogqirha okanye umsebenzi kwisibhedlele okanye kwikliniki esebenza ngoluphononongo.

Ngubani ongumququzeleli kunye nohlawulayo ngoluphononongo?

Oluphononongo lwacwangcwiswa lwaze lahlawulelwa ngabakwa Genentech, Inc., South San Francisco, CA, USA. Genentech yinxalenye yakwaF. Hoffmann-La Roche Ltd., esinesiqubo solawulo esiseBasel, Switzerland.

Isihloko soluphononongo kwakunye nolunye ulwazi oluchongiweyo

Isihloko esipheleleyo soluphononongo sithi: “Icandelo 2b, Olungakhetheyo, Uphononongo apho ulwazi lufihlwayo kude outfitter ilinge elo, Into efana nechiza kodwa elingelilo elisetyenziswa ekukholiseni nje-ukunqanda, Okuninzi okubalulekileyo okutsala umdla, imithamo eyahlukileyo yophononongo ekujongwa ngayo indlela elisebenza ngayo kunye nokhuseleko lweMSTT1041A kwizigulana eziphethwe sisigulo sombefu esingalawulekiyo”.

- Inombolo yomgaqo woluphononongo ithi GB39242.
- Oluphononongo lukwaziwa ngegama elifutshane elingu “ZENYATTA”.
- The ClinicalTrials.gov umchongi woluphononongongu-NCT02918019.
- The EudraCT inombolo yoluphononongo ithi2016-001549-13.